I Mbongi ye Sizwe Jikelele: *The Bantu World* (18 May 1935), page 2

**I Mbongi ye Sizwe Jikelele, I Jubhulu Yo Kumkani**

"Makadl'ubom ukumkani"

Bikelan'izizwe zomhlaba,
Esinye sihlabe kwesinye,
Nenz' umrugwane ngumxokelelwane,
Nenz'intunta ka Ntuntanja;
Niwerimilamb'enamagama.
Namhla sinesizath' esikhulu.
Sinendibanisela yezizwe.
Sinomanyano Iwentlangantlanga.
Singama Britani.
Singama Britani!

Namhla sibekiw'isitsaba,
Kwingangalai'enkulu yelizwe,
Ingangalala yeengangalala,—
Int'engatshonelwa nalilanga.
Sibekwe sayifanela,
Kuba siza sivela kude;
Sivela koo Joji boo Joji,
Nakw'iLungakaz'u Fitoli.
Singama Britani thina!
Singama Britani ngenene!

Kufikwe siduda sixhentsa;
Kufikwe sileq'amaleqe;
Kufikwe sityhatyhis' iingubo;
Kufikwe sigqolod'ingqaqu;
Kufikwe siphum'amaphulo,
Kufikwe sihamb'ozinqhina;
Kufikwe sikwel'amaqegu,—
Etwele macal'omabini.
Singama Britani kabawo!

Singama Britani ngenene!

Kufikwe simem'imisitho;
Kufikwe sinuk'amagqwirha;
Kufikwe sikhonz'amagqirha;
Kufikwe sinqul'iminyanya;
Kufikwe sisiv'amatola
Kufikw' amagog'eligugu;
Kufikwe kumnyama ngo Yesu;
Kufikwe kumnyama ngemfundo;
Singama Britani madoda!
Singama Britani ngenene!

Namhlanje senz'isikhumbuzo,
Sokubekwa kwe Nkos'isitsaba;
Iminyak' imashumi mabini,—
Iya ngesihlanu seminwe,
Kokhona sibhek' ebuntwini;
Kokhona sifuman' ukhanyo;
Kokhona sibon'u Qamata,—
Esabe simbona luzizi.
Singama Britani lusapho!
Singama Britani ngenene!

Namhlanje sibona phi naphi!
Pesheya kweelwandle ngeelwandle,
Sibona phesheya kwamafu.
Kwinzongonzongo ye Zulu.
Sibona no Mlamb' ongu Mkence,
Norozo lwemithi yo Bomi.
Emagqab' aphilis' iintlanga.
Sibon' u Mzikazi ka Thixo,
"Makadl' ubom u Kumkani."
Ukumkan' u Joj'wesi Hlanu.
Singama Britani mawethu!
Singama Britani ngenene!